Isalathiso: 20210804-4816
Inombolo yefayili: 13/7/1/2
Imibuzo: I Carstens

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*FET*: 0007/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli, (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBacebisi beZifundo, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abafundi kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: Ukurhoxiswa kwexesha lokufunda nokucwangcisa elongezelelweyo ukwenzela uviwo lwe-*Information Technology* (IT) lweSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

1. ISebe leMfundo esiSiseko lipapashe iSetyhula S13 ka-2021, yomhla we-23 Julayi 2021, erhoxisa ixesha lokufunda nokucwangcisa elongezelelweyo ukwenzela iimviwo ze-*Information Technology (IT*) zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke.

2. Inguqulelo efinyeziweyo (*abridged version*) ye-*Curriculum and Assessment Policy Statement* (CAPS) yeBakala 12, eyayiphunyezwe ngoJanuwari 2021 ichaze ukuba abafundi be-*IT* baya kufumana ixesha lemizuzu eyi-30 lokufunda nokucwangcisa phambi kokuqaliswa koviwo lwepraktikhali.

3. Ixesha lemizuzu eyi-30 lokucwangcisa nokufunda elongezelelweyo njengoko kucacisiwe kwiCandelo 4 le-*CAPS* le-*IT Paper 1,* liyarhoxiswa.

4. Nakuba kunjalo, kuya kwenziwa amalungiselelo okuba abafundi bacwangcisele uviwo yaye oko kuya kufakwa kwixesha loviwo leeyure ezintathu. Abafundi baya kufumana ngokunjalo amaphepha amabini angabhalwanga *(blank pages*) njengenxalenye yephepha loviwo nabanokuwasebenzisela iinjongo zokucwangcisa ngethuba loviwo lweeyure ezintathu.

5. La malungiselelo afanayo aya kwenzelwa abafundi be-*Computer Applications Technology* ngokufaka ixesha lokucwangcisa kwixesha loviwo eliziiyure ezintathu nokubonelelwa kwamaphepha amabini angabhalwanga nto njengenxalenye yephepha loviwo ukulungiselela injongo zokucwangcisa ngethuba loviwo lweeyure ezintathu.

6. Iinkcukacha ziya kunikwa amaSebe eMfundo amaphondo nabaviwa kwisetyhula emalunga nokubhalwa kweemviwo zeprakthikhali eza kukhutshwa ngexesha elifanelekileyo.

7. Ziyacelwa iinqununu zazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kubo bonke ootitshala nabafundi be-*IT* kwiBakala 12 ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2021-08-10